# I-ERM CVS izakuhlola iziko le IRMA ka Sibanye-Stillwater eMarikana

## *I-ERM CVS ifuna igalelo lezimvo kuMasipala wendawo nakwabanye abachaphazelekayo*

Namhlanje **25 October 2024, iERM CVS ibhengeza okokuba ukusukela kumhla wamashumi amabini anesihlanu (25) kuNovember ukuya kumhla wesithandathu (6) kuDecember, 2024** izakutyelela **iSibanye-Stillwater Marikana mining operations ekuMasipala wase** Rustenburg, eSouth Africa ukuya kuhlola imeko yesigaba senkqubo yabo i third-party **Initiative for Responsible Mining Assurance (IRMA).**

Yakuba igqibile, iIRMA iza kukhupha ingxelo ebhaliweyo eya kuMasipala wengingqi nezakufumaneka nangonxibelelwano lwe internet. Le ngxelo iza kuchaza indlela iERM CVS enike ngayo iSibanye-Stillwater Marikana amanqaku kumqathango ngamnye kweyi 400 nangaphezulu ye-IRMA Standard for Responsible Mining, ichaze ngokunjalo ukuba ifikelele njani kuloo manqaku iwanike iSibanye-Stillwater Rustenburg. Kananjalo le ngxelo iza kucacisa ngempumelelo ngokuphathelele kuzo zonke izigaba: IRMA Transparency, IRMA 50, IRMA 75, or IRMA 100.

iSibanye- Stillwater ingalusebenzisa olulwazi ilufumeneyo ngemeko yobume bendalo nobentlalo ukuphucula indlela abasebenza ngayo. Kananjalo nabanye abachaphazelekayo ngakumbi abahlali, banokulusebenzisa olu lwazi luqulethwe yile ngxelo ekubonisaneni nasekuxoxeni neSibanye-Stillwater nezinye iinkampani ukuphucula indlela abasebenza ngayo, bethetha beqondana.

Ngeli thuba iERM CVS isekunye noSibanye-Stillwater Marikana, baza kuzama ukufumana iimpendulo neembono zabachaphazeleka ngqo okanye kancinane – ababandakanya abahlali, abasebenzi mgodini namagosa kaRhulumente. Iqela elichongiweyo lakwa ERM CVS liza kuyihlola yonke indlela ekusetyenzwa ngayo nokusetyenziswa kwezixhobo ezifanelekileyo zokusebenza.

**November 25 – December 6, 2024**

**I-ERM CVS iya kumema ukuba ubhalisele udliwano-ndlebe nathi ngoku siselapha kule ngingqi kungenjalo usinilke ingxelo ebhaliweyo ngeSibanye-Stillwater Marikana, uyithumele kwezi ndawo zibekiweyo ngezantsi apha: Ukuba ufuna udliwano ndlebe nathi, qhakamshelana nathi phambi komhla we 11 November 2024. Izimvo ezibhaliweyo mazingene phambi komhla we: 4 December 2024 ukuze ziqwalaselwe.**

**On the web**: [ermcvs.com/contact-us](ermcvs.com/contact-us)

**Email:** [post@ermcvs.com](mailto:post@ermcvs.com)

**QR code to access online form**

**Xa kuqhutywa udliwano- ndlebe, ababikho abasebenzi base mgodini. Ku dliwano- ndlebe nabasebenzi abangengo baphathi abangeni abaphathi, lungaqhubeka ngaphandle kwamasango omgodi xa kukho isicelo esinjalo. Izimvo neembono azizubhengezwa xa umntu ecele ukuba kube njalo.**

**Izimvo neembono zakho ziya kunceda iERM CVS ukuhlola igalelo lika Sibanye-Stillwater Marikana ekuhlaleni ithelekiswe kanjalo inkqubo yakhe nezinye eziphambili iinkampani zemigodi.**

ERM CVS is an independent IRMA-approved and trained audit firm. For more about ERM CVS visit [ermcvs.com](ermcvs.com).

iERM CVS yinkampani yophicotho ezimeleyo, eqeqeshiweyo ne vunyiweyo. Ukufumana inkcazelo elubanzi nge ERM CVS, ndwendwela i [ermcvs.com](ermcvs.com).

IRMA's mission is to protect the environment and people directly affected by mining. For more about IRMA including the assessment process, the IRMA Standard, and to see audit reports of other mines visit responsiblemining.net

Ubuthunywa be IRMA kukukhusela indalo kunye nabantu abachaphazelekayo yimisebenzi yemigodi. Ukufumana inkcazelo elubanzi nge IRMA, inkqubo yoluhlolo, umgangatho we IRMA, kunye nokubona iingxelo zentlolo yeminye imigodi, ndwendwela i responsiblemining.net

**Ukuba unenkxalabo okanye isikhalazo ngale nkqubo yeIRMA okanye i-IRMA Standard yokuhlola imigodi bhalela kwi: responsiblemining.net/complaints**